Downloaded from Stanmorephysics.com

basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

NATIONAL
SENIOR CERTIFICATE

IBANGA 12

ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO (FAL)

IPHEPHA LOKUQALA (P1)

NOVEMBA 2021

**AMANQAKU: 80**

**IXESHA: Iiyure 2**

**Olu viwo lunamaphepha ali-14.**

Downloaded from Stanmorephysics.com

**IMIYALELO NENGCACISO**

1. Eli phepha lemibuzo linamaCANDELO AMATHATHU angala:

| | | |
|---|---|---|
| ICANDELO A: | Uvavanyo lokuqonda | (30) |
| ICANDELO B: | Ushwankathelo | (10) |
| ICANDELO C: | Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi | (40) |

2. Phendula YONKE imibuzo.

3. Qala ICANDELO NGALINYE kwiphepha ELITSHA.

4. Krwela umgca ekupheleni kweCANDELO NGALINYE.

5. Nombola iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ngokwendlela yokunombola esetyenzisiweyo kwiphepha lemibuzo.

6. Shiya umgca emva kwempendulo ngaNYE.

7. Qwalasela ngokukodwa upelo nolwakhiwo lwezivakalisi.

8. Iingcebiso malunga nolwabiwo lwexesha:

| | |
|---|---|
| ICANDELO A: | Imizuzu engama-50 |
| ICANDELO B: | Imizuzu engama-20 |
| ICANDELO C: | Imizuzu engama-50 |

9. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

Downloaded from Stanmorephysics.com

## ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA

### UMBUZO 1

1.1 Funda esi sicatshulwa singezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.

**ISICATSHULWA A**

**UNXIBELELWANO NGEE-EMOJI**



1 Uninzi lwethu luthabathekile sisimbo sokuthumelelana imiyalezo ekhatshwa yimifanekiso okanye iimpawu ezithile zobhalo ekuthiwa ziiemoji. Ezi emoji zithunyelwa ngeeselulafowuni ezenziwe ngobuchule nobuxhakaxhaka bokumelana neemfuno zetekhnoloji yale mihla. Uninzi lwee-emoji sele lufakelwe kwizakhelo zeeselulafowuni zala maxesha. Akwenzayo umntu kukubhala umyalezo alandelise ngokukhetha iemoji ehambelana nawo ukuze othunyelelwayo azive esondelelene ngakumbi nalowo athetha naye. Asinto ixhaphakileyo kule mihla ukuthumela umyalezo ozihambela njee ungakhatshwa bubuso okanye uphawu oludlulisa uvakalelo lwalowo uthumelayo. Akukhathaliseki nokuba ubani uwuthumela ngamaqonga oo*Facebook* okanye oo*Twitter* umyalezo wakhe, iiemoji zisoloko zikho.

2 Imbali yezi emoji isukela kunyaka we-1999 kwilizwe laseJapan. Umfana owayeneminyaka engama-27, uShigetaka Kurita wazenzela igama ngokuyila iiemoji. Wayesebenzela inkampani enkulu yezonxibelelwano i-*NTT DoCoMo* eJapan, njengochwepheshe kwicandelo le-*IT,* ejongene kakhulu nokuyila (*nokudizayina).* Ngeli xesha zonke iinkampani ezithengisa iiselulafowuni kwelaseJapan zazikwiphulo lokuzama ukwanelisa abathengi ababethe swii kukuthumelelana imiyalezo ekhatshwa yimifanekiso. Lo kaKutira akazange aphozise maseko, walithi nqaku ithuba walisebenzisa. NgesiJapan u-'e' ka emoji umele 'umfanekiso' aze u-'moji' amele 'uphawu'. Oku kuthiywa ngolu hlobo kudiza inyaniso yokuba iJapan likhaya lezi emoji zisetyenziswa kuwo onke amazwe namhlanje. Lo kaKurita uthi waphawula ukuba iimbalelwano zeimeyile aziwudlulisi ngemfezeko umyalezo oquka iimvakalelo zabantu. Uthetha athi, **'ndikhetha ukubona umfanekiso welanga kunokuba ndifunde umyalezo ondixelela ukuba kuza kuba shushu namhlanje.'**

3 Wathi akuwugqiba umsebenzi wakhe uShigetaka neqela awayesebenza nalo wawusa kwiinkampani ezivunyiweyo ezingooFujitsu, ooPanasonic nooSharp. Injongo yakhe yayiyeyokuba ezi nkampani ze zithathe apho yena ayeke khona kodwa azamnika thuba. Zaqala zamkhaba ngawo omane **kanti** ziza kubuya zimvumele, zenze ngokomnqweno wakhe. Zatsho zazifaka iiemoji zasisixhobo esakhelweyo kwiiselulafowuni. Ukuthathwa komsebenzi kaShigetaka njengoko unjalo kamva kwaba likroba, kuba, iinkampani ezilandelayo zawuphucula zawubeka kwizinga eliphezulu ngokufakela iinkcukacha ezithile ezizihombisa nangakumbi iiemoji.

Downloaded from Stanmorephysics.com


4 Ukuthunyelwa kwee-emoji ngeeselulafowuni ezahlukileyo kwaba nobunzima kuba zazikhabana okanye zixinge zitsho zingaveli nokuvela kulowo zithunyelwa kuye. Oku kwakusenziwa kukugxalathelana kolwazi olutsha kwezi selulafowuni zibe zingenazo iziseko zokwamkela unxibelelwano ngee-emoji. Ngonyaka wama-2005 kwaqala kwakho indlela entsha nencomekayo yokulawula umthamo wenani lee-emoji elithathwa yiselulafowuni ngexesha. Akuthandabuzeki ukuba uluntu luyazithanda ezi emoji kwaye **wonke umntu ufuna iselulafowuni eza kuvumela ukuba athumele okanye athunyelelwe umyalezo okhatshwa yiemoji.**

5 Inkampani eyabanegalelo elikhulu nelincomekayo ukukhuthaza ukusetyenziswa kwee-emoji lihlabathi lonke yi-*Apple* yaseMelika. Oku yakwenza ngokuthi ivelise iiselulafowuni ezizii-*iPhones* ngowama-2007. Le nkampani yazimisela ukuba nangona iJapan yayisele izenzele igama ngokuvelisa iiemoji, yona iza kwenza umda wayo ngokuyila iindidi zoovimba bee-emoji ezahlukileyo kwezo zisetyenziswa eJapan. Ngubani owayesazi ukuba imigudu yomfo kaKurita ingajika ibelinqatha ekuxhwithwana ngalo ngamazwekazi aphesheya? Akothusi ukubona iiemoji ziyinxalenye yolwimi nonxibelelwano ehlabathini xa kunamhlanje.

6 Ngokungathandabuzekiyo, ukusetyenziswa kwee-emoji kuseza kuqhuba ixesha elide kuba liyakhula inani labathandi bazo kwaye kusekho namaqhawe asamana ukufakelela koko kukhoyo. Zonke iintlanga zifumana iiemoji ezizitolika ngokuchanekileyo iimvakalelo ezikhapha imiyalezo yazo ebhaliweyo. Kaloku iziseko ekwakhelwe kuzo zinephatheni efanayo nemlungeleyo umntu nokuba ukweliphi na ilizwe. Oku kukhuthaza ukubandakanyeka komntu wonke nokuzibona ezi emoji njengenxalenye yenkcubeko yoluntu. Kule mihla akumzali, akumntwana, wonke umntu ukholisa ukuwukhapha nge-emoji umyalezo wakhe. Ukusetyenziswa kwee-emoji kufana nqwa nokunwenwa komlilo wedobo.

[Sithatyathwe kuwww.webdesignerdepot.com saze saguqulelwa, salungislelwa uviwo.]

**Jonga kumhlathi 1**

1.1.1 Khetha igama kwesi sivakalisi silandelayo elithetha ukuba abantu bangene kakhulu kwisimbo sokuthumelelana imiyalezo ngee-emoji.

Uninzi lwethu luthabathekile sisimbo sokuthumelelana imiyalezo ekhatshwa yimifanekiso ... (1)

1.1.2 Xela uhlobo lweeselulafowuni ezisetyenziswa xa kuthunyelelwana iiemoji ngokwalo mhlathi. (1)

1.1.3 Yeyiphi imvakalelo abanayo umntu othunyelelwa umyalezo onee-emoji ngokwalo mhlathi? (2)

1.1.4 Khankanya abemaBINI amaqonga onxibelelwano axelwe kulo mhlathi, anokusetyenziswa xa kuthunyelwa imiyalezo ekhatshwa ziiemoji. (2)

Downloaded from Stanmorephysics.com

**Jonga kumhlathi 2**

1.1.5 Wayesenza msebenzi mni uShigetaka kwinkampani i-*NTT DoCoMo* eJapan? (2)

1.1.6 Kuthethwa ukuthini xa kusithiwa uShigetaka 'akazange aphozise maseko'? (1)

1.1.7 Nika iingongoma eziMBINI ezibubungqina bokuba iJapan likhaya lee-emoji. (2)

1.1.8 Ngqina ukuba isihloko sesi sicatshulwa siyangqinelana nenkcaza ekwisivakalisi esibhalwe ngqindilili. (2)

**Jonga kumhlathi 3**

1.1.9 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zilandelayo.

U 'kanti' obhalwe ngqindilili kulo mhlathi usetyenziselwe ukubonisa ukuba ulwazi olulandelayo ...

A luyaxhasa.
B luyongezelela.
C luyatshintsha.
D luyagqwetheka. (1)

1.1.10 Xela ukuba zibhekiselele entweni izakhi ezikrwelelwe umgca ngaphantsi kulo mhlathi? (1)

**Jonga kumhlathi 4**

1.1.11 Yintoni eyayibangela ukuba kudale ingxaki ukugxalathelana kolwazi olutsha kwiiselulafowuni ezahlukileyo? (1)

1.1.12 Xela ukuba luluvo okanye yinyani inkcaza ebhalwe ngqindilili kulo mhlathi uze uxhase impendulo yakho. (2)

**Jonga kumhlathi 5**

1.1.13 Nika ingcamango ephambili yalo mhlathi. (2)

**Jonga kumhlathi 6**

1.1.14 Tolika okuthethwa sesi sivakalisi silandelayo.

Kule mihla akumzali, akumntwana, wonke umntu ukholisa ukuwukhapha nge-emoji umyalezo wakhe. (2)

**Jonga kwitekisi yonke**

1.1.15 Ingaba le tekisi iphumelele ukudlulisa ulwazi olwaneleyo ngee-emoji? Xhasa impendulo yakho. (2)

Downloaded from Stanmorephysics.com


1.2 Funda lo mfanekiso ungezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.

**ISICATSHULWA B: OKUBONWAYO**




[Uthathwe kwi-www.iToons.com, waze wahlelwa.]

1.2.1 Nika ubungqina bokuba kuyaphekwa kulo mfanekiso. (2)

1.2.2 Chaza uvakalelo lomntu omi ngeenyawo. Xhasa impendulo yakho. (2)

1.2.3 Nika injongo yomzobi ngalo mfanekiso. (2)

**AMANQAKU ECANDELO A: 30**

Downloaded from Stanmorephysics.com

## ICANDELO B: USHWANKATHELO

### UMBUZO 2

Isicatshulwa C esingezantsi simalunga nokuqala ubomi eyunivesithi.

Funda isicatshulwa C esingezantsi uze ubhale iingongoma eziphambili unika iingcebiso ezingezinto amakazenze umntu oza kuqala ubomi eyunivesithi.

### IMIYALELO

1. Bhala isishwankathelo sibe kwimo yeengongoma ungadluli kumagama angama-70.
2. Nombola izivakalisi zakho ukusuka ku-1 ukuya ku-7.
3. Sebenzisa izivakalisi ezipheleleyo ukubhala iingongoma.
4. Sebenzisa AMAZWI AKHO kangangoko unako.
5. Bhala inani lamagama owasebenzisileyo kwizibiyeli ekupheleni kwesishwankathelo.

### ISICATSHULWA C

**IYUNIVESITHI LIKHAYA ELITSHA**

Ingcinga yokuqala ubomi obutsha eyunivesithi ingakuzisela ixhala elikhulu. Zininzi iinguqu oza kudibana nazo kodwa ngezi ngcebiso zilandelayo ungazixhobisa ukuze uwonwabele unyaka wakho wokuqala eyunivesithi. Ezo ngcebiso zezi:

Qinisekisa ukuba uqokelele zonke izinto eziza kufuneka eyunivesithi uzilungise kwangethuba. Umzekelo; indawo yokuhlala nezixhobo zokusebenza ezinjengee-*laptop* neencwadi, ungahlala uzilungise kwangethuba ukuze iveki yakho yokuqala iphele kakuhle.

Zipakishe iimpahla ngobuchule, ngokukhetha ezo uza kuzidinga. Oku kwakukongela ixesha kuba eyunivesithi kuhanjwa ngokungxama ngalo lonke ixesha, kuleqwa amagumbi okufundela. Kungakunceda ukuqala ngokuzibhala phantsi, uzihlele kangangoko ezo uza kuzidinga.

Qalisa kwangoku ukufunda ukupheka kuba ukutya okuthengwa yonke imihla kuyayigqiba ibhajethi yomntwana wesikolo. Ngaphezulu, kukuziphosanisa namathuba okuziphekela ukutya okukukhumbuza ikhaya.

Thatha inxaxheba kumaphulo nakwiinkqubo zokuziqhelanisa nale ndawo intsha, iyiyunivesithi. Kaloku, phaya abafundi bafakwa kwiinkqubo zokubaqhelisa, basiwe ngapha nangapha xa befika. Ukungazibandakanyi nezi nkqubo kukuphosanisa nethuba lokuzifumanela abahlobo abatsha oza kuncedisana nabo ezifundweni zakho.

Wugcine umdla wakho wokufunda uphezulu ukuze ukwazi ukumelana nobuninzi bomsebenzi wezifundo zaseyunivesithi. Phaya kufundwa ngaphezu kokuba ubufunda ngeli thuba ubulungiselela ukubhala ibanga le-12. Kubalulekile ke ngoko ukuyigcina ingqondo yakho ilolekile.

Downloaded from Stanmorephysics.com

Sebenzisa amaqonga onxibelelwano ukhangele abahlobo oza kufunda nabo ukuze nixoxe nicebisane ngezidingo zekhosi oyikhethileyo. Amaqonga onxibelelwano anjengoo-*Facebook* namanye, angakunceda kakhulu ukuphumeza ezi njongo.

Cinga ngeendlela zokulondoloza imali ngethuba useyunivesithi ukuze uqiniseke ukuba akuyimoshi. Oku kwakunceda ukuba yonke imali oyiphiweyo uyisebenzise kwizinto ezibalulekileyo ungayichithi kwizinto zolonwabo. Ngaphezulu, kwakukukhuthaza ukuba ukhangele iindlela zokuzonwabisa ungayanga epokothweni.

[Sithathwe ku www.topuniversities.com saze saguqulelwa salungiselelwa uviwo.]

**AMANQAKU ECANDELO B: 10**

Downloaded from Stanmorephysics.com

## ICANDELO C: IZAKHI NEMIGAQO YOKUSETYENZISWA KOLWIMI

### UMBUZO 3: ISIBHENGEZO-NTENGISO

Funda esi sibhengezo-ntengiso singezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.

### ISICATSHULWA D




[Sithatyathwe kugooglepics.com saza sahlelwa, salungiselelwa uviwo.]

3.1 Khankanya zibeMBINI izinto umthengi anokuzihlanjelwa yile nkampani iGutyulakonke Services ngokwakwesi sibhengezo. (2)

Downloaded from Stanmorephysics.com


3.2 Chonga ibinzana eliqulethe ulwazi lokuba kubhengezwa inkampani egqwesayo kumsebenzi wayo. (2)

3.3 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zilandelayo uvale isikhewu esishiyiweyo kwesi sivakalisi singezantsi.

Intetho ethi, 'sikushiya ubamb'ongezantsi', ityhila ukuba umthengisi ... ngomsebenzi wakhe.

A ukhululekile
B uqinisekile
C ubhidekile
D uneentloni (1)

3.4 Chonga amagama amabini alandelelanayo kule ntengiso, athetha ukuba ezi nkonzo zifumaneka ngalo naluphi na usuku lweveki. (1)

3.5 Nika injongo yokusetyenziswa kwegama 'leqa' kule ntengiso. (2)


3.6 Ingaba isilogani 'Let us do the dirty work!' siyiphuhlisa ngokupheleleyo injongo yale ntengiso yokutsala abathengi? Xhasa impendulo yakho. (2)
**[10]**

Downloaded from Stanmorephysics.com


## UMBUZO 4: IKHATHUNI

Funda le khathuni ingezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.

### ISICATSHULWA E




[Ithathwe kuwww.comicstrips.com yaze yalungiselelwa uviwo.]

| | | |
|---|---|---|
| 4.1 | Xela ukuba kutheni igama likaEve libhalwe ngoonobumba abakhulu kwisakhelo soku-1. | (1) |
| 4.2 | Chonga igama elibonisa ukuba uEve udikiwe kwisakhelo sesi-2. | (1) |
| 4.3 | Chaza ukuba ahluke njani amehlo ka*Madam* kwisakhelo sesi-2 nakwesesi-3. | (2) |
| 4.4 | Khankanya zibeMBINI izinto athi uEve ubonwa zimfanele ngokwesakhelo sesi-3. | (2) |
| 4.5 | Ibonisa ntoni impendulo ka*Madam* kwisakhelo sesi-4? | (2) |
| 4.6 | Ingaba ulwazi olukwiselulafowuni kaEve lumncedisile ukujika ingqondo ka*Madam* malunga nemiba yomsebenzi kaEve? Xhasa impendulo yakho. | (2) |
| | | **[10]** |

Downloaded from Stanmorephysics.com

## UMBUZO 5: IPROZI

5.1 Funda esi sicatshulwa singezantsi uze uphendule imibuzo esekwe kuso.

**ISICATSHULWA F**

**GIGITHEKA MZANTSI**

OkaNkwinti usibalisela ngendoda yaseLusikisiki eyathi ngenxa yomkhuhlane yayokubona <u>uggr</u> owayefika kwelo laseMthatha. Wathi akugqiba ukuyinceda wayiyalela ukuba ingahambi engqeleni. Naanko umnene ephendula esithi, 'Hayi wena, nam bendisele ndisithathile isigqibo sokuba ndingahambi eNgqeleni koko ndiqabel' aph'eLibode kuba ikufutshane kakhulu ukufika ekhaya.' Ithini ke ukungaguli ngakumbi le ndoda xa izakwenza kanye oku inqandwa kuko? **Asiyomiyalelo na esiphoxayo? Sithini ukungakhangeleki okwezimuncu xa imiyalelo imise ngale ndlela?**

Yona inkwenkwana yaphaya eSoqhayisa High School yathi isakubuzwa ngumhloli owayetyelele isikolo eso ukuba ngawaphi amaqabane awomeleleyo esiXhoseni, yaphendula ngokuqiniseka okukhulu isithi, nguMandela noSisulu. Endibona ke ukuba idyongwana **le** yayisathiwe phithi lifuthe lomzabalazo nepolitiki yabaNtsundu.

[Sicatshulwe kwiphephandaba, I'Solezwe,16–22 EyoMqungu 2020; iphepha 11 saza salungiselelwa uviwo.]

5.1.1 Bhala ngokupheleleyo igama elikrwelelwe umgca ngaphantsi kwisicatshulwa. (1)

5.1.2 Xela ukuba sikweliphi ixesha isenzi esibhalwe ngqindilili kwisivakalisi esingezantsi.

**Wathi** akugqiba ukuyinceda wayiyalela ukuba ingahambi engqeleni. (1)

5.1.3 Chaza umsebenzi wombuzo buciko osetyenziswe kwizivakalisi ezibhalwe ngqindilili kwisicatshulwa. (2)

5.1.4 Guqula isivakalisi esilandelayo sibe kwingxelo-ntetho.

Indoda ithe, 'Nam bendisele ndisithathile isigqibo.' (2)

5.1.5 Xela ukuba kutheni lishiyiwe iceba lesibizo kwesi sivakalisi singezantsi.

Ithini ke ukungaguli ngakumbi le <u>ndoda?</u> (1)

Downloaded from Stanmorephysics.com


5.1.6 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zilandelayo.
Isimamva esibhalwe ngqindilili kwisivakalisi, 'Yona inkwenkw**ana** yaphaya ...,' sibonisa ubuncinci ...

A ngokomlinganiselo.
B ngokokuzalwa.
C ngokomyinge.
D ngokwesiqu. (1)

5.1.7 Xela umsebenzi wesixando esibhalwe ngqindilili kwisivakalisi esingezantsi.

Inkwenkwana yabuz**wa** ngumhloli. (2)

5.1.8 Yakha isenzi kwisibizo esingu 'umhloli' wandule ukusisebenzisa ngokuchanekileyo kwisivakalisi. (2)

5.1.9 Xela indlela esisetyenziswe ngayo isikhombisi u-le kwisivakalisi esingezantsi.

Idyongwana le yayisathiwe phithi lifuthe lomzabalazo. (2)

Downloaded from Stanmorephysics.com

5.2 Funda lo mfanekiso ungezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.

**ISICATSHULWA G: UMFANEKISO**




[Uthatyathwe kwiintanethi waze walungiselelwa uviwo.]

5.2.1 Bhala isivakalisi esilandelayo sibe kwimo elandulayo.

Uyandihlekisa lo myalezo kaLindi. (2)

5.2.2 Khetha isibizo esiyintloko nesiyinjongosenzi kwisivakalisi esingezantsi, ugcwalise itheyibhile elandelayo.

Umfana uncumela umfanekiso.

| ISIBIZO ESIYINTLOKO | ISIBIZO ESIYINJONGOSENZI |
|---|---|
| (i) | (ii) |

(2)

5.2.3 Yakha isibizo esimbaxa ngamagama akwizibiyeli kwesi sivakalisi singezansti.

**Umzekelo: (Iphepha + iindaba) = iphephandaba**

(Ukuchuba + ubuchopho) iyile iiemoji. (2)
**[20]**

**AMANQAKU ECANDELO C: 40**
**AMANQAKU EWONKE: 80**

Downloaded from Stanmorephysics.com

## ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA

### UMBUZO 1

### Ukumakisha uvavanyo lokuqonda

1. Ngenxa yokuba kugxininiswa kwingqiqo, upelo olungachanekanga neziphene zolwimi kwiimpendulo mazingohlwaywa ngaphandle kokuba ezo ziphene zitshintsha intsingiselo/ingqiqo. (Kuseyimfuneko ukuba iziphene zibonakaliswe.)

2. Ukuba umviwa usebenzisa amagama athatyathwe kolunye ulwimi olungelulo olu luviwayo, musa ukuwananza loo magama, kwaye ukuba impendulo isavakala ilungile, sukunika sohlwayo. Ukanti ke, ukuba igama elisuka kolunye ulwimi lisetyenzisiwe kwitekisi kwaye liyayincedisa impendulo, oku kuyakwamkeleka.

3. Ngokubhekiselele **kwimibuzo emalunga nokuthatha icala uze uzixhase,** akukho manqaku anikwayo kwiimpendulo ezingu-EWE/HAYI, noNDIYAVUMELANA/ANDIVUMELANI. Isizathu/ukunika ubungqina/ nokuxhasa zizo ezimele ukunikwa ingqwalasela.

4. Akukho manqaku anikwayo kwiimpendulo ezingu-YINYANISO/BUBUXOKI, noYINYANI/LULUVO. Ukunika isizathu/ukunika ubungqina/ukuxhasa kukona makuthathelwe ingqalelo.

5. Xa impendulo efunwayo iligama elinye, aze umviwa anike impendulo esi-sivakalisi esipheleleyo, oku makumakishwe nje ngokuchanekileyo kuphela xa igama elichanekileyo likrwelelwe umgca ngaphantsi/ligqanyisiwe.

6. Xa impendulo ifuna iingongoma ezimbini/ezintathu, aze umviwa anike ezingaphaya kweziqingqiweyo ngokomyalelo, makisha kuphela isibini okanye isithathu sokuqala ngokuhambelana nombuzo.

7. Kwamkele ukwahluka kwendlela yokubeka impendulo okudalwa kukusetyenziswa kweelwimi zengingqi.

8. Ngokubhekiselele kwimibuzo ekhethisa impendulo echanekileyo, yamkela ZOMBINI, unobumba ohambelana nempendulo echanekileyo KUNYE/ OKANYE impendulo ebhalwe ngokupheleleyo.

Downloaded from Stanmorephysics.com


1.1 **ISICATSHULWA A**

1.1.1 ... luthabathekile ...√ (1)

1.1.2 Zezenziwe ngobuchule zanobuxhakaxhaka obuzenza ukuba zimelane neemfuno zale mihla zetekhnoloji.√ (1)

1.1.3 Yeyokuziva esondelelene ngakumbi nalowo umthumelele umyalezo.√√ (2)

1.1.4 Ngu-*Facebook*√ no-*Twitter.*√ (2)

1.1.5 Owobuchwepheshe kwicandelo le-*IT*√√/ owokuyila√√ /owokudizayna.√√ (2)

1.1.6 Kuthethwa ukuba akazange alibazise√/akazange athathe xesha lide√/ wakhawulezisa√ wayenza kwangoko.√

[Nayiphi kwezi.] (1)

1.1.7 YiJapan ilizwe lokuqala ukusungula iiemoji√/igama elithi emoji lakhelwe kulwimi lwesiJapan, u-e ka emoji umele umfanekiso aze u-moji amele uphawu√/ kutshiwo kulo mhlathi ukuba imbali yee-emoji isukela eJapan.√
[Nasiphi isibini kwezi.] (2)

1.1.8 Kunjalo kuba isihloko sesicatshulwa singonxibelelwano ngee-emoji eziyimifanekiso ekhapha umyalezo√ kanti nenkcaza ebhalwe ngqindilili ibethelela ukuba udluliseka lula umyalezo wee-emoji kunobhaliweyo.√ (2)

1.1.9 C√/ C luyatshintsha√/ luyatshintsha.√ (1)

1.1.10 Kumsebenzi kaShigetaka√/ kumsebenzi.√ (1)

1.1.11 Yayikukunqongophala kweziseko zokwamkela unxibelelwano ngee-emoji kwiselulafowuni.√ (1)

1.1.12 Luluvo kuba abukho ubungqina obuphandiweyo obuxhasa oku kuthethwa sesi sivakalisi√√/akukho bungqina buphathekayo buxhasa ukuba ezi ntlobo zeeselulafowuni zifunwa ngumntu wonke.√√ (2)

Downloaded from Stanmorephysics.com


1.1.13 Umzimveliso wakwa-*IPhone* waba ngowokuqala kwinyathelo lokuvelisa oovimba bee-emoji ngenxa yokukhuthazwa ngumsebenzi kaShigetaka Kurita owaba linyathelo ekusukelwa kulo ukugqamisa iinkonzo zonxibelelwano kusetyenziswa iiemoji√√/ inkampani yaseMelika eyi-*Apple* ibenegalelo elikhulu kusetyenziso lwee-emoji kwihlabathi lonke isusela koko kwenziwe eJapani ngokuyila iindidi zoovimba bee-emoji ezahlukileyo.√√

[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)

1.1.14 Kwezi ntsuku, kuxhaphake ukuba omdala nomncinci umntu anamathelise ii-emoji kumyalezo awuthumelayo.√√

[Nasiphi isivakalisi esinentsingiselo echanekileyo siya kwamkeleka.] (2)

1.1.15 Iphumelele ukudlulisa ulwazi olwaneleyo ngee-emoji kuba isazisa imvelaphi yazo√√/ igalelo lazo ekudluliseni imvakalelo zabantu kunxibelelwano√√/ ukuba ukusetyenziswa kwazo sekufikelele kwihlabathi lonke.√√

Okanye

Ayiphumelelanga ayisixhobisanga ngolwazi olumalunga nentsingiselo yazo ukuze sikwazi ukuzisebenzisa ngokuchanekileyo.√√

[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)
**[24]**

1.2 **ISICATSHULWA B**

1.2.1 Kukho imbiza esesitovini ephuma umphunga√√/ kukho imbiza ebilayo.√√ (2)

1.2.2 Unomsindo√/ udikiwe√ kuba ubeke izandla esinqeni√/ umlomo wakhe ukhamisile√/ unyuse iintshiya.√ (2)

1.2.3 Yeyokugxininisa ukuba abantwana bachitha ixesha bengenzi msebenzi wumbi ngaphandle kokucofa iigajethi zonxibelelwano√√/ kukutyhila indlela iigajethi ezibuchitha ngayo ubudlelwane emakhaya√√/iigajethi ziyayithimba ingqondo.√√

[Nayiphi impendulo echanekileyo iyakwamkeleka.] (2)
**[6]**

**AMANQAKU ECANDELO A: [30]**

Downloaded from Stanmorephysics.com


## ICANDELO B: USHWANKATHELO

### UMBUZO 2

**Ukumakisha ushwankathelo**

Ukumakisha isishwankathelo kusekwe ekugqaleni iingongoma ezingundoqo.

Ushwankathelo malumakishwe ngolu hlobo:

- **Ulwabiwo-manqaku**
    - Amanqaku asi-7 ngeengongoma ezisi-7. (Inqaku elinye ngengongoma nganye).
    - Amanqaku ama-3 olwimi.
    - Amanqaku ewonke: 10

- **Ulwabiwo lwamanqaku olwimi xa umfundi engacaphulanga ngqo.**
    - 1–3 iingongoma ezichanekileyo: Nika inqaku eli-1.
    - 4–5 iingongoma ezichanekileyo: Nika amanqaku ama-2.
    - 6–7 iingongoma ezichanekileyo: Nika amanqaku ama-3.

- **Ulwabiwo lwamanqaku olwimi xa umfundi ecaphule ngqo.**
    - 6–7 iingongoma ezicatshulwe ngqo: Makanganikwa NALINYE inqaku kwawolwimi.
    - 4–5 iingongoma ezicatshulwe ngqo: Makanikwe inqaku lolwimi LIBE LINYE.
    - 2–3 iingongoma ezicatshulwe ngqo: Makanikwe amanqaku olwimi ABE MABINI.

**QAPHELA**

- **Ubalo-magama:**
    - Abakorekishi kulindeleke ukuba baliqinisekise ukuba alidlulanga kuma-70 inani lamagama asetyenzisiweyo.
    - Musa ukuthabatha amanqaku ukuba umlingwa akalibonakalisanga inani lamagama asetyenzisiweyo okanye ukuba inani lamagama libonakaliswe ngokungachanekanga.
    - Ukuba udlule kwinani eliqingqiweyo, funda ugqibezele isivakalisi eso inani lamagama eliqingqiweyo liphela kuso ungayihoyi intsalela yesishwankathelo sakhe.

Downloaded from Stanmorephysics.com

| | **IINGONGOMA EZICATSHULWE NGQO** | | **IINGONGOMA EZISHWANKATHELWEYO** |
|---|---|---|---|
| 1. | Qiniseka ukuba uqokelele zonke izinto eziza kufuneka eyunivesithi uzilungise kwangethuba. | 1. | Lungisa kuselithuba zonke izinto oza kuzidinga ngexesha useyunivesithi. |
| 2. | Zipakishe iimpahla ngobuchule, ngokukhetha ezo uza kuzidinga. | 2. | Cwangcisa iimpahla oza kuzisebenzisa kuphela uzipakishe ngobunono. |
| 3. | Qalisa kwangoku ukufunda ukupheka kuba ukutya okuthengwa yonke imihla kuyayigqiba ibhajethi yomntwana wesikolo. | 3. | Funda ukuziphekela kuba ukuthenga ukutya ntsuku zonke kuyayigqiba imali umfundi ayicwangcisileyo. |
| 4. | Thatha inxaxheba kumaphulo nakwiinkqubo zokuziqhelanisa nale ndawo intsha, iyiyunivesithi. | 4. | Zibandakanye neenkqubo zokwazisa abafundi abatsha ngemiba yale ndawo ungayiqhelanga iyiyunivesithi. |
| 5. | Wugcine umdla wakho wokufunda uphezulu ukuze ukwazi ukumelana nobuninzi bomsebenzi wezifundo zaseyunivesithi. | 5. | Yibanolangazelelo lokufunda olukwiqondo eliphezulu ukuze ungoyiswa bubuninzi bomsebenzi waseyunivesithi. |
| 6. | Sebenzisa amaqonga onxibelelwano ukhangele abahlobo oza kufunda nabo ukuze nixoxe nicebisane ngezidingo zekhosi oyikhethileyo. | 6. | Ngena kumaqonga onxibelelwano ufumane abahlobo oza kuncedisana nabo, nixhobisana ngokufunekayo kwizifundo ozenzayo. |
| 7. | Cinga ngeendlela zokulondoloza imali ngethuba useyunivesithi ukuze uqiniseke ukuba akuyimoshi. | 7. | Qiqa ngeendlela nobuchule bokonga imali ukuze ungayichithi ngendlela engeyiyo. |

**[75 amagama]** **[66 amagama]**

**QAPHELA:** Izifinyezi okanye ii-akhronim mazingasetyenziswa kodwa ukuba zithe zavela kushwankathelo mazibalwe ngokwamagama eziwameleyo. **[10]**

**AMANQAKU ECANDELO B: 10**

Downloaded from Stanmorephysics.com

## ICANDELO C: ULWIMI

### Ukumakisha iCandelo C

1. Upelo
   - Iimpendulo ezingoogama-nye/eziligama elinye mazimakishwe njengezichanekileyo nokuba upelo aluchanekanga, ngaphandle kokuba isiphene silahla intsingiselo efunwayo yegama.
   - Kwiimpendulo ezizizivakalisi ezipheleleyo, upelo olungachanekanga luya kohlwaywa xa isiphene sikweso sakhi solwimi sivavanywayo.
   - Xa uvavanyo lujoliswe kwisifinyezo, impendulo iya kwamkeleka xa ifakwe iimpawu zobhalo ngokuchanekileyo.

2. Izakhi zezivakalisi kufuneka zichaneke kwaye zisetyenziswe kwizivakalisi ezipheleleyo/njengoko umbuzo uyalela.

3. Ngokubhekiselele kwimibuzo ekhethisa impendulo echanekileyo, yamkela ZOMBINI unobumba ohambelana nempendulo echanekileyo KUNYE/ OKANYE impendulo ebhalwe ngokupheleleyo njengechanekileyo.

### UMBUZO 3

3.1 Ziimethi√/ ziifestile√/ ziisofa/ ziikhabhathi√/ ziindonga.√

[Nasiphi isibini kwezi] (2)

3.2 Iingcaphephe ezivunyiweyo.√√ (2)

3.3 B√/ uqinisekile√/ uqinisekile.√ (1)

3.4 ... ntsuku zonke.√ (1)

3.5 Yeyokungxamisa umthengi ukuba aleqe isaphulelo√√/ yeyokwenza ukuba umthengi angxamele ukuya kufumana iinkonzo zale nkampani√√/ yeyokungxamisa umthengi ukuba akhawulezele ukufumana iinkonzo zale nkampani√√ yeyokuqweqwedisa umthengi ukuba ayekufuna iinkonzo zale nkampani.√√ (2)

3.6 Siyiphuhlisa ngokupheleleyo kuba sicacisa ngakumbi okuthethwa ligama lenkampani nohlobo lomsebenzi ewenzayo wokucocela abantu.√√

Okanye

Asiyiphuhlisi ngokupheleleyo kuba asibuvelisi ubuchwepheshe bale nkampani ekucoceni.√√

[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)
**[10]**

Downloaded from Stanmorephysics.com

**UMBUZO 4**

4.1 Kukubonakalisa ukuba u*Madam* uyakhwaza√/ uMadam ukhwaza uEve.√ (1)

4.2 Eshe!√ (1)

4.3 Ngokuthi kwisakhelo sesi-2 avuleke ngokupheleleyo amehlo *kaMadam* kanti kwisakhelo sesi-3 acuthekile.√√ (2)

4.4 Yiholide ehlawulewayo√ kunye nomvuzo othe nyi.√ (2)

4.5 Okokuba u*Madam* uyaphoxisa ngoku akuxelelwa ngu*Eve*√√/kubonisa impoxo.√√ (2)

4.6 Lumncedisile kuba uMadam akanalizwi alithethayo elikhaba iinkcukacha aza nazo uEve.√√

Okanye

Alumncedisanga kuba u*Madam* akazibopheleli nganto, akaniki mpendulo ecacisa ukuba uza kuzijika iingqondo zakhe ngokuthethwe nguEve.√√
[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)

**[10]**

Downloaded from Stanmorephysics.com

**UMBUZO 5**

| | | | |
|---|---|---|---|
| 5.1 | 5.1.1 | ugqirha.√ | (1) |
| | 5.1.2 | Sikwixesha eladlulayo.√ | (1) |
| | 5.1.3 | Kukubethelela imiba ekuthethwa ngayo√√/kukugxininisa oko kuthethwayo.√√ | (2) |
| | 5.1.4 | Indoda ithe nayo√ ibisele√ isithathile√ isigqibo. | |
| | | [Nasiphi isibini kwezi.] | (2) |
| | 5.1.5 | Kungokuba isibizo silandela isikhombisi√/isimelabizo sokukhomba√/silandela isalathisi.√ | (1) |
| | 5.1.6 | B√/ B ngokokuzalwa√/ ngokokuzalwa.√√ | (1) |
| | 5.1.7 | Kukubonisa isenzo esenziwa yintloko kwinjongosenzi√√/ kukwenziwa kwesenzo ngumntu komnye umntu.√√ | (2) |
| | 5.1.8 | Hlola√/ukuhlola.√ Utitshala uqokelela iincwadi zabafundi kuba efuna ukuhlola umsebenzi wabo√/ umlimi uhlola umhlaba aza kutyala kuwo iimbotyi.√ | |
| | | [Nasiphi isivakalisi esichanekileyo siya kwamkeleka.] | (2) |
| | 5.1.9 | Sisetyenziswe salandela isibizo√√/ siza emva kwesibizo.√√ | (2) |
| 5.2 | 5.2.1 | Awundihlekisi lo myalezo kaLindi.√√ | (2) |
| | 5.2.2 | (i) Isibizo esiyintloko - umfana.√<br>(ii) Isibizo esiyinjongosenzi - umfanekiso.√ | (2) |
| | 5.2.3 | Inkcubabuchopho.√√ | (2)<br>**[20]** |

**AMANQAKU ECANDELO C: 40**
**AMANQAKU EWONKE: 80**